



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2018**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80

ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Ndafunda ukuba abantu bakusoloko bethetha. [50]
- 1.2 Ubukhalipha kukoyisa uloyiko. [50]
- 1.3 Iziphumo zokuxhoma konke ngobom bakho kumaqonga onxibelelwano. [50]
- 1.4 Usana olungakhaliyo lufela embelekweni. [50]
- 1.5 Ukuxhwilwa nokubulawa kweemveku nabantu basetyhini. [50]
- 1.6 Ilizwe xa abantu benokulingana bonke. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

**[50]**

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi: [www.google.com](http://www.google.com)]

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A:**

**50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umbulele ngokukwazi ukumela inyani ebunzimeni. [25]

**2.2 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwabafundi ababini malunga nesohlwayo ezikolweni. [25]

**2.3 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho yokukhuthaza iqela lomdlalo weqonga elisanda kuqalwa kwingingqi yakho. [25]

**2.4 IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi oyithandayo. [25]

**2.5 INGXELO**

Bhala ingxelo yomsitho wokwamkelwa kwamalungu amatsha ekomiti yombutho wolutsha. [25]

**2.6 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

Bhala isivi neleta eyikhaphayo ujonge kwisibhengezo esingezantsi.

<p><b>ISITHUBA SOKUBA NGUMANEJALA OSISIGXINA KWIVENKILE YAKWASHOPRITE</b></p> <p><b>Uxanduva lwalo msebenzi:</b></p> <ol style="list-style-type: none"> <li>1. Ukulawula indlela abasebenzi abasebenza ngayo.</li> <li>2. Ukulawula abathengi.</li> <li>3. Ukulawula inkcitho nengeniso yevenkile.</li> </ol> <p><b>IZIQINISEKISO ZEMFUNDO</b></p> <p>* Ibanga leshumi elinambini elihamba nesatifikethi/Diploma/ Digri kwezoRhwebo.</p> <p><b>AMAVA</b></p> <p>* Ubuchule bokusebenzisa ikhomyutha. * Kulindeleke umntu onamava eminyaka emibini kulo msebenzi.</p> <p>Thumela isicelo kule dilesi: <a href="mailto:shopritestore@webmail.com">shopritestore@webmail.com</a></p>
---

**[25]**  
**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**